higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

MARKING GUIDELINE

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
NQF LEVEL 3
(Iphepha lesibini)

8 November 2024

Esi sikhokhelo sokumakisha sinamaphepha asi-6.

ICANDELO A

UMBUZO 1

1.1 **INGXELO**

- Umviwa makabhale ngokwefomati echanekileyo.
- Makabonise ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.
- Umviwa makanike iinkcukacha ezichanekileyo ngomhlathi.
- Makabhale isihloko, intshayelelo, isiqu, isiphelo, nezindululo mazidweliswe.
- Umviwa makathethe ngeengongoma ezinika abaphulaphuli ulwazi.
- Makasebenzise ulwimi olusesikweni.
- Makabhale igama lombhali aze asayine.
- Umviwa makabhale umhla ebhalwe yasayinwa ngayo ingxelo. (50)

1.2 **INGXELO**

- Umviwa makabhale ngokwefomati echanekileyo.
- Makabonise ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.
- Umviwa makanike iinkcukacha ezichanekileyo ngomhlathi.
- Makabhale isihloko, intshayelelo, isiqu, isiphelo, nezindululo mazidweliswe.
- Umviwa makathethe ngeengongoma ezinika abaphulaphuli ulwazi.
- Makasebenzise ulwimi olusesikweni.
- Makabhale igama lombhali aze asayine.
- Umviwa makabhale umhla ebhalwe yasayinwa ngayo ingxelo. (50)

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B

UMBUZO 2

2.1 **IAJENDA NEMIZUZU**

iAjenda

- Iajenda mayibhalwe yodwa ibe nesihloko sayo.
- Mayidweliswe, inonjolwe imiba ekuza kuxoxwa ngayo.
- Umhla, ixesha nendawo intlanganiso eza kubanjelwa kuyo intlanganiso mayibhalwe.
- Malibhalwe igama lomntu okhuphe iajenda.
- Mayisayinwe iajenda.

Imizuzu

- Makubhalwe indawo, ixesha kunye nomhla wentlanganiso.
- Iregista yabakhoyo.
- Imizuzu ibhalwa kwixesha elidlulileyo.
- Imicimbi ephakame kwintlanganiso mayibhalwe.
- Caphula uze ubhale izindululo ezithathiweyo ngobunjalo bazo.
- Nika isishwankathelo sezindululo ezenziweyo nekugqitywe kuzo.
- Imizuzu mayisayinwe ngunobhala nosihlalo. (30)

2.2 **INTETHO**

- Wazi umhla, ixesha, indawo, isizathu/ injongo, abaphulaphuli noko oza kuthetha ngako.
- Qala intetho yakho ngendlela etsala umdla/ edlwengula umxhelo.
- Waphuhlise amanqaku akho kakuhle ungatsho ngentetho ekruqulayo.
- Sebenzisa izivakalisi ezifutshane ezikhatshwa ziingcinga ezilula.
- Lungilelanisa izigxeko zakho nezincomo onazo.
- Isiphelo sibalulekile kwaye ukhumbule ukuba ayisosishwankathelo sokubhalileyo. (30)

AMANQAKU ECANDELO B: 30

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

UMBUZO 3

3.1 **ISIBHENGEZONTENGISO**

- Isibhengezontengiso sibhalwa kakhulu ngokucacileyo ukuze wonke ubani asibone kwaye sitsale umdla.
- Isibhengezontengiso masilukuhle lowo usifundayo ukuze ayithenge lonto ibhengezwayo.
- Sibhalwa ngesivakalisi esifutshane kodwa esinomyalezo ovakalayo.
- Kusetyenziswe ilogo nesilogani.
- Kunikwe iinkcukacha malunga neendlela zokufumana imveliso leyo. (20)

3.2 **IFLAYA**

Isihloko masibe sifutshane sidlwengule umxhelo.

- Inkcaza emfutshane ngemveliso.
- Dwelisa amaqithiqithi ehamba nawo.
- Mayirhwebe uluntu ukuze luthande oko ukwenzayo.
- Umbhali weflaya makavele kunye neenkcukacha eziphambili. (20)

AMANQAKU ECANDELO C: 20

AMANQAKU EWONKE: 100

ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUHLOLA INGXELO [50 AMANQAKU]

Ikrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI Ukungqala kweempendulo nezimvo. Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa. Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi kunye nemeko. **28 AMANQAKU**	**24−28** Impendulo igqwesile idlule okuqhelekileyo. Izimvo ziqiqisisiwe kwaye zivuthiwe. Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Umsebenzi ungqalile uhleli emxholweni. Kukho ukunamathelana kwizimvo nomxholo. Iingcamango zidakancwe ngobunono. Zonke iinkcikacha zixhasa isihloko. Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile.	**19−23** Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom nolwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi. Ingqalile ayiphumi nasemxholweni. Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo. Iinkcukacha zixhasa isihloko. Ifomathiifanelekile ineendawana ezingachanekanga ezingephi.	**12−18** Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Izimvo ziyaphuma emxholweni kwaye kukho nokugqwidiza. Ukunamathelana kumxholo nezimvo kufanelekile. Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko. Ifomathi ifanelekile kodwa kusekho ukungachaneki.	**6−11** Impendulo ibonakalisa ulwazi olungephi lweempawu zolu didi lwetekisi. Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni. Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo. Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. Imigaqo yefomathi ephambili isetyenziswe nnngokungaqondi. Kusetyenziswe izinto ezininzi.	**0−5** Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Intsingiselo ilahleka rhoqo ide iphume emxholweni. Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo. Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe.
ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA Ithoni irejista, isimbo, injongo/ifuthe, abo kujoliswe kubo kunye nemeko. Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo. Uchongo magama, iimpawu zokubhala kunye nopelo. **22 AMANQAKU**	**20−22** Ithoni irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Phantse kube akukho nasinye isiphene.	**15−19** Ithoni, irejista, isimbo, isigama sichaneke kakhulu malunga nenjongo,abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle. Isigama sichanekile. Ubhukhuku becala akukho zimpazamo.	**10−14** Ithoni, irejista, isimbo, isigama sihambelana nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso. Isigama siyanelisa. Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo nomyalezo.	**6−9** Ithoni, irejista, isimbo nesigama azingqamani nenjongo kwakunye nabantu ekujoliswe kubo kunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo. Singqongophele isigama. Kukho amagingxi-ginxi kwintsingiselo.	**0−5** Ithoni irejista, isimbo nesigama azingqamani nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo. Izele ziimpazamo ixazalala. Isigama asifanelanga nenjongo. Intsingiselo ilahleke kakhulu.
UMMANDLA WAMANQAKU	**36−50**	**26−35**	**17−25**	**8−16**	**0−7**

ISIHLOMELO B: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE [30 AMANQAKU]

Ikrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI Impendulo nezimvo. Ukubukeka kwezimvo. Ii,pawu zetekisi/umgaqo kuny e nemeko. **18 AMANQAKU**	**15−18**	**11−14**	**8−10**	**5−7**	**0−4**
	Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo. Izimvo zibonisa ukuhlakanipha kwaye zivuthiwe. Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Umsebenzi ungqalile akukho kugqwidiza. Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo. Ingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha .zixhasa ishloko. Ifomathi ifanelekile kwaye kwaye ichanekile.	Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom. Ulwazi lunzulu lolu didi lwetekisi. Ingqalile ayiphumi nasemxholweni. Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo. Iinkcukacha zixhasa isihloko. Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala.	Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza. Ukunamathelana komxholo nezimvo kwenzeka ngokufanelekileyo. Ezinye iinckukacha zixhasa isihloko. Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga.	Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni Kunqabile ukunamathelana komxolo nezimvo. Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko . Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi.	Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Intsingiselo ilahleka rhoqo. Intsingiselo iduka kwisakhiwo esixazalala. Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo. Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe.
ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA Ithoni irejista, isimbo, nesigama singqamene nenjongo kunye nemeko. Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo. Ukhetho magama ,iimpawu zokubhala kunye nopelo. . **12 AMANQAKU**	**10−12**	**8−9**	**6−7**	**4−5**	**0−3**
	Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nemeko. Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Phantse kube akukho nasinye isiphene.	Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle. Isigama sichanekile. Ubukhulu becala azikho iimpazamo.	Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso. Isigama siyanelisa. Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo.	Ithoni, irejista, isimbo nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo. Sinqongophele isigama. Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo. .	Ithoni irejista, isimbo nesigama azifanelananga nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo. Izele ziimpazamo ixazalala iyadida. Isigama asihambelani nenjongo. Intsingiselo ilahlekile kakhulu. .
UMMANDLA WAMANQAKU	**16−30**	**12−15**	**9−11**	**6−8**	**0−5**

ISIHLOMELO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIFUTSHANE [20 AMANQAKU]

Ikrayitheriya	Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI Impendulo nezimvo. Ukubukeka kwezimvo. Ii,pawu zetekisi/umgaqo kuny e nemeko. **12 AMANQAKU**	**10−12**	**8−9**	**6−7**	**4−5**	**0−3**
	Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo. Izimvo zibonisa ukuhlakanipha kwaye zivuthiwe. Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Umsebenzi ungqalile akukho kugqwidiza. Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo. Ingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha .zixhasa ishloko. Ifomathi ifanelekile kwaye kwaye ichanekile.	Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom. Ulwazi lunzulu lolu didi lwetekisi. Ingqalile ayiphumi nasemxholweni. Izimvo zixonxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo. Iinkcukacha zixhasa isihloko. Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga aziyiphazamisi injongo yokubhala.	Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza. Ukunamathelana komxholo nezimvo kwenzeka ngokufanelekileyo. Ezinye iinckukacha zixhasa isihloko. Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga.	Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni Kunqabile ukunamathelana komxolo nezimvo. Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko . Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi.	Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi. Intsingiselo ilahleka rhoqo. Intsingiselo iduka kwisakhiwo esixazalala. Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo. Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko. Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe.
ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA Ithoni irejista, isimbo, nesigama singqamene nenjongo kunye nemeko. Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo. Ukhetho magama ,iimpawu zokubhala kunye nopelo. . **8 AMANQAKU**	**7−8**	**5−6**	**4**	**3**	**0-2**
	Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo nemeko. Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo. Phantse kube akukho nasinye isiphene.	Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle. Isigama sichanekile. Ubukhulu becala azikho iimpazamo.	Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso. Isigama siyanelisa. Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo.	Ithoni, irejista, isimbo nesigama azifanelananga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko. Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo. Sinqongophele isigama. Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo. .	Ithoni irejista, isimbo nesigama azifanelananga nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo. Izele ziimpazamo ixazalala iyadida. Isigama asihambelani nenjongo. Intsingiselo ilahlekile kakhulu. .
UMMANDLA WAMANQAKU	**16−20**	**13−15**	**9−11**	**6−8**	**0−5**

AMANQAKU EWONKE: 100